

Uniting Reformed Church in Southern Africa

Regional Synod Cape – ISinodi-phondo – LaseKapa



Moderator: Rev. Dr LLM MacMaster
Scribe: Rev. HH Tromp

Assessor: Rev. E Vinqi
Actuarius: Rev. LL Plaatjie

Additional Members: Prof. MA Plaatjies-van Huffel, Sr. MN Mplatyi, Rev. J Williams & Br. S Dandala
Belhar Synodical Office
Private Bag XI, Belhar, RSA 7507
Tel. 021-952-2151 / Faks : 021 952 5806
E-mail: scriba@vgksa.org.za

USUKU LOMTHANDAZO - 22 MARCH 2020

Bhotani malungu e-URCSA

Sinibulisa ngeGama elinamandla leNkosi yethu uYesu Krestu. Abantu abaninzi bacelwa umngeni yi COVID-19. Abahlali-ngaphambili babongoza isuku lomthandazo ngomhla 22 March 2020 ngenjongo yokuzisa lo bhuhane kuThixo ngomthandazo. Sidinga indawo ethe cwaka apho uThixo anokuthetha khona nathi. Masizise imithandazo nentsikelelo kubo bonke abantu nakuzo zonke izizwe zomhlaba ngokhuselo nangokupheliswa kwalo bhuhane. Kwimbali yonke yecawe abantu bathandaza ngamaxesha ezibetho nangexesha lonxunguphalo waza uThixo wayiva imithandazo yabo.

Nathi asibekwanga bucala kwintlungu nosizi lwelihlabathi. Uyesu usixelela ukuba soba nembandezelo kodwa sinakho ukuvuyiswa yinto yokuba yena wazoyisa imbandezelo (Johane 16:33) Kwisibhalo sisonke singathuzelwa lulwazi lokuba uThixo uthembekile kwaye uyasikhathalela asikhusele. Kwanangeli ixesha lalobhuhane unguThixo onathi u Emmanuel. Zininzi ivesi eBhayibhileni apho unokufumana uxolo lukaThixo olugqitha konke ukuqonda. Kumaxesha anje uyakufumana intuthuzelo esibhalweni njengale ndawo (Isaya 41:10) *“Musa ukoyika, kuba ndinawe mna, musa ukubheka bheka kuba ndingu Thixo wakho, ndikukhaliphisile ewe ndikuncedile, ndikuxhasile ngesandla sam sokunene sobulungisa bam”*

Ncedani nisebenzise le litani ingezantsi apha ngamaxesha onke, xa nicamngca, nicula naxa nithandaza nonke ngelixesha lalo bhuhane welizwe. Ninokuyisebenzisa kumaqelana amancinane, kumaqela ophicotho lwe Bhayibhile, ezindlwini zenu, kwinkonzo zembeko xa nihlangene ningaphantsi kwe 100 lwabantu. Ninakho ukusebenzisa nezinye ivesi zesibhalo mvumeleni uThixo athethe kunye nani.

Le nkonzo yinkonzo yokucamngca kwaye inoku kulandelayo

1. Qala umthandazo wakho ngeculo eliqhelekileyo okanye ichorus.
2. Funda isiqendu sezibhalo.
3. Cula okanye umamele elinye iculo eliqhelekileyo okanye ichorus
4. Hlala uzole okwethutyana umamele uThixo
5. Cula okanye uphula phule iculo eliqhelekileyo okanye ichorus
6. Thandaza umthandazo wobubingeleli
7. Vala ngomthandazo weNkosi.

1. Qala umthandazo wakho ngeculo eliqhelekileyo okanye ichorus

(Khetha iculo eliqhelekileyo ngokwemeko yenu)

2. Funda isiqendu sezibhalo:

Umqhubi-nkonzo: ufunda: Indumiso 86: 1-12:

“Thoba indlebe yakho, Yehova, ndiphendule ngokuba ndiluzizana ndiluhlwempu. Wugcine umphefumlo wam, ngokuba ndingowenceba, msindise wena, Thixo wam umkhonzi wakho, lo ukholose ngawe. Ndibabale, Nkosi yam ngokuba ndidanduluka kuwe yonke imini. Wuvuyise umphefumlo womkhonzi wakho. Ngokuba umphefumlo wam ndiwuphakamisela kuwe, Nkosi yam. Ngokuba ulungile wena, Nkosi yam, uxolela. Umkhulu ngenceba kubo bonke abakunqulayo. Wubekele indlebe umthandazo wam, Yehova, ulibazele indlebe izwi lokutarhuzisa kwam. Ngemini yokubandezelwa kwam ndinqula wena, ngokuba uyakundiphendula. Akukho unjengawe, Nkosi yam, phakathi kothixo, akukho zenzo zinjenge zakho. Zonke iintlanga owazenzayo ziyakuza ziqubude phambi kwakho, Nkosi yam zizukise iGama lakho. Ngokuba umkhulu, wenza imisebenzi ebalulekileyo, unguThixo wena wedwa. Ndiyalele, Yehova, indlela yakho, ndihambe ngenyaniso yakho, yibandakanye intliziyo yam ukuba ndiloyike igama lakho. Ndiyakubulela kuwe, Nkosi yam, Thixo wam, ngentliziyo yonke. Ndilizukise igama lakho ngonaphakade. Ngokuba inceba yakho ibe nkulu kum. Wawuhlangula umphefumlo wam kwelingaphantsi labafuleyo.

Umqhubi-nkonzo: Nkosi enenceba, weva ubunzima wafa ngenxa yethu; wena uyabazi ubunzima. Thixo onenceba, siphe ukholo lokukufuna ngamaxesha engxaki. Nkosi yam siza kuwe ngelixesha lalengxubakaxaka yehlabathi sicela ukhuselo lwakho kulo bhuhane osele echaphazele abantu abaninzi ehlabathini. Sithandazela abo bagulayo okokuba baphile, abo baxhalabileyo ubazolise umphefumlo ukuze nesi sifo singabi nakunwenwa.

IBandla: Yiva umthandazo wethu.

Umqhubi-nkonzo: Sithandazela abo bagulayo ukuze babe nokuphiliswa, sithandazela oogqirha noonesi, nabo bonyango ubaxhobise ngendlela eyodwa, no noompilo, nabo benza uphando abajongene nabo bachatshazelwe sesi sifo sicela ubancede ukuze baze nechiza balwe le ntsholongwane bagcine bekhuselekile ngegama likaYesu, “INkosi ngokokwayo iyakuhamba phambi kwenu kwaye ibe nani, ayiyi kunishiya kwaye ayiyi kuniyekela. Musani ukoyika ningatyhafi.

IBandla: Yiva umthandazo wethu.

Umqhubi-nkonzo: Sithandazela iinkokheli zethu zopolitiko ezinoxanduva lokuthabatha isigqibo malunga nale ntsholongwane. Bawo wethu sidinga ubulumko bakho mihla le. Yiba nabantu abenza izigqibo ezichaphazela ubomi nekamva lentsapho, lwabahlali kwakunye namazwe. Zolisa uloyika lwethu, khulisa ukuthembela kuwe ngaphakathi kwethu. Buyisela impilo yethu ukuze sibe nokusebenzela uzuko nodumo lwakho.

IBandla: Yiva umthandazo wethu

Umqhubi-nkonzo: Thixo uyingqaba namandla ethu, uNdikhoyo ngamaxesha engxaki. Ngoko asisayi koyika, Ekudilikeni kwentaba esazulwini solwandle, makagqume alephuze amanzi alo, iintaba zinyikime ngokukratsha kwalo.

IBandla: Yiva umthandazo wethu. Uyingqaba yabacinizelweyo, uluncedo ezimbandezelweni (Indumiso 9:9)

Umqhubi-nkonzo: Thixo onenceba sisuse isibetho kuthi.

IBandla: Sive Nkosi, Sisindise Yesu

Umqhubi-nkonzo: Thixo onenceba, sibanga izithembiso zakho ezise lizwini lakho xa sithandazela abo bagulayo nabo beva intlungu yokulahlekelwa sinqwenela okokuba usichukumise ukuze siphile ebandleni lethu, ekuhlaleni, emzantsi-Afrika, e-Afrika nakwihlabathi liphela.

IBandla: Nkosi yiba nenceba uve imithandazo yethu, nezikhalo zethu esi zizisa kuwe. Musa ukubusithelisa ubuso bakho kuthi kwezi ntsuku, sithobe indlebe yakho siphendule imithandazo yethu ngokukhawuleza.

3. Culani okanye nimamele elinye iculo eliqhelekileyo okanye ichorus

Umqhubi-nkonzo: Thixo onamandla onke, Nkosi yobomi nokufa, wempilo nokugula: Ehlabathini sele amawaka emkile. Yiba nenceba kuthi.

IBandla: Yiva umthandazo wethu

4. Hlala uzole okwethutyana umamele uThixo

(Lona ngundoqo wenkqubo yomthandazo, ngoko musa ukungxama ngoko, hlala uphula- phule ilizwi lika Thixo. Cinga ngesibhalo. Nika ithuba lokuba uThixo athethe)

Umqhubi-nkonzo: Masizi phengulule indlela zethu sizigoca goce sibuyele kuYehova. Masizinyuse intliziyo zethu kunye nezandla zethu sizise kuThixo emazulwini sizithobe phambi kweNkosi.

Funda iNdumiso 27:1, 7-8, 13-14: NguYehova umkhanyiseli wam nomsindisi wam ndiyakoyika bani na? NguNdikhoyo inqaba yobomi bam ndiyakunkwanya ngabani na? Yiva Ndikhoyo ndakubiza ngelizwi lam ndibabale undiphendule. Intliziyo yam ithi kuwe “funani ubuso bam, ubuso bakho Ndikhoyo ndiyakubufuna. Musa ukubusithelisa ubuso bakho kum, Musa ukumgila umkhonzi wakho ngomsindo, uluncedo lwam, musa ukundilahla, musa ukundishiya Thixo ondisindisayo. Ndinge ndiphelwe, koko bendikholwa kukuba ndokubona ukulunga kuka Ndikhoyo ezweni lobu bomi. Thembela kuNdikhoyo, Yomelela, ikhaliphe intliziyo yakho uthembele kuYehova.

IBandla: Nokuba ndihamba emfuleni wethunzi lokufa, andiyi koyika bubi ngokuba unam wena; intonga yakho, umsimelelo wakho, uyandithuzela.

Umqhubi-nkonzo: Ngoko ke masizithobe ngaphantsi kwesandla esinamandla sika Thixo, ukuze asiphakamise ngexesha elifanelekileyo: Siphose lonke ixhala lethu kuYe kuba usikhathalele.

IBandla: Nkosi yiba nenceba kuthi. Krestu yiba nenceba

5. Cula okanye uphula phule iculo eliqhelekileyo okanye ichorus

6. Thandazani imithandazo yobubingeleli

Umqhubi-nkonzo: Bawo onamandla onke, Yesu Krestu ongumthuthuzeli namandla ngamaxesha entlekele, engxubakaxaka kwanamaxesha engxokozelo. Sirhangqe ngobabalo nangoxolo egameni likaYesu. Thixo onobabalo, Thixo onenceba zonke, enkosi ngokuphula phula imithandazo yethu.

7. IBandla: Livala ngoBawo wethu osemazulwini

Abahlali ngaphambili be Sinodi-Phondo laseKapa

Mfu. Gqirha LLM MacMaster

Mfu. E Vinqi

Mfu. HH Tromp

Mfu. LL Plaatjie

Mfu. Prof MA Plaatjies Van Huffel

Mfu. J Williams

Mdala NM Mplatyi

Mdala SS Dandala